



# Nalibali

It starts with a story...

Reading aloud to children stimulates their imagination and develops their language, curiosity and knowledge all while they experience the pleasure of stories! But reading aloud well – whether it is to your own children or a group of children in your class or reading club – is an art! Here are some tips to help you:

1. Choose books to read that you enjoy but also ones that match your children's changing interests.
2. Reading aloud is always a performance! Put lots of expression in your voice to create the mood.
3. Practice makes perfect so if you're new to this, read the story aloud before you read it to a group of children.
4. Try to be aware of your listeners and don't read too fast! Allow time for them to look closely at the illustrations or to create a mental picture as you read.
5. Books with rhyme, rhythm and repetition make good read-aloud books for young children and to introduce a new language. As they get to know the story, encourage children to join in as you read.
6. Children may need time to settle before you begin reading. Young children respond well to a song or rhyme or guessing what the story might be about from the cover picture and title. Ask older children to recall what happened in a novel at the end of your last read-aloud session.
7. Start by reading the name of the author (and illustrator) so children appreciate that books are created by people just like them!
8. We all have to learn how to listen to and engage with a story. Draw your children into the story: for example, ask them what they think might happen next, discuss one of the pictures or ask them to turn the pages for you.
9. When you read a picture book, make sure that all the children get a chance to see the pictures. You might like to pause to show the pictures and allow comments or questions as you read or after you've read the whole book through once.
10. If you are reading a novel aloud, read a chapter or part of a chapter each day. Find a place in the story to stop that will make your listeners eager for you to continue tomorrow.

For more information on reading with children, go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

Ukufundela abantwana ngokuvakalayo kuhlupheza iingqiqo zabo ze kukhulise nolwimi lwabo, ukunxanelwa ulwazi neenkukacha ngokubanzi lo gama bonwabele ubuncwane bamabali! Kodwa ke, ukufunda ngokuvakalayo kakuhle – nokuba ufundela abantwana bakho okanye iqela labantwana eklasini yakho okanye iklabhu yokufunda – bubugcisa obukwiqondo eliphezulu! Nazi iingcebiso eziya kukunceda:

1. Xa ukhetha iincwadi oza kuzifunda, khetha ezo uzonwabelayo kodwa ngaxeshanye ukhethe nezo zihambelana nemiba abantwana abanomdla kuyo.
2. Xa ufunda ngokuvakalayo kufuneka ube nomdlandla! Ilizwi lakho malinike umdla ukwenzela ukuba udale umoya nemeko enikisa umdla!
3. Kufuneka umane uziqhelisa ukuba ngaba usandula ukuyiqala le nto, qala ulifunde ngokuvakalayo ibali uwedwa, phambi kokuba uye kufundela iqela labantwana.
4. Hlala ubagcine engqondweni aba bantu ubafundelayo, ungafundi ngokukhawuleza kakhulu! Banike ixesha lokuba bakhe baqwalaselisise imifanekiso okanye bazidalele umfanekiso-ngqondweni njengokuba ufunda nje.
5. Iincwadi ezinamagama anemvano-sandi, isingqi nophinda-phindo njengezicengcelezo zifundeka kamnandi xa ufunda ngokuvakalayo, uzifundela abantwana naxa ubafundisa ulwimi olutsha. Ngokuye beliqonda ibali, bakhuthaze ukuba bakujoyine njengokuba ufunda nje.
6. Kusenokufuneka ukuba abantwana bazinze okanye bangene egiyeni phambi kokuba uqalise ukufunda. Abantwana abancinci bayayithanda ingoma enemvano-sandi, izingqisho izicengcelezo nokuqashisela ukuba ibali lingantoni na ngokujonga kumfanekiso oseqweqweni okanye kwisihloko. Abantwana abadala bona babuze xa sele ugqibile ukufunda ibali lonke ukuba ibali elo belingantoni na.
7. Qala ngokufunda igama lombhali (kunye nomzobi) ukuze abantwana bayiqonde into yokuba iincwadi zibhalwa ngabantu abafana nabo!
8. Sonke kufuneka sifunde indlela yokumamela nokuqonda ibali. Batsalele ebalini abantwana bakho: umzekelo, babuze ukuba bacinga ukuba yintoni elandelayo eza kwenzeka, xoxani ngomnye wemifanekiso okanye ubacele ukuba bakutyhilele amaphepha encwadi.
9. Xa ufunda incwadi enemifanekiso, qinisekisa ukuba bonke abantwana bafumana ithuba lokuyibona imifanekiso. Usengathanda ukukhe ume ukuze ubabonise imifanekiso nokuvumela ukuba bakhe bathethe ngayo okanye babuze imibuzo njengokuba ufunda nje okanye emva kokuba uyifunde yonke incwadi.
10. Ukuba ufunda ngokuvakalayo incwadi ende njengenoveli, funda isahluko okanye inxalenye yesahluko kusuku ngalunye. Fumana indawo apha ebalini oza kuphumla kuyo eza kwenza abamameli bakho ukuba babe nomdla wokuba uqhubeke ngengomso.

Xa ufuna olunye ulwazi ngokufunda nabantwana, yiya ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



Drive your  
imagination

Sparking children's potential through  
storytelling and reading  
Ukuvuselela isakhono sabantwana  
ngokubabalisela amabali  
nokubafundela





Drive your imagination

# Story stars

## Meet the winners!

When we launched the Nal'ibali newspaper supplements in June this year, we ran a competition, in which you could win a mini-library for your reading club or school. All of the winners of this competition are people dedicated to getting the children in their communities passionate about reading but their clubs or schools were struggling with a lack of resources. Now, having won ten boxes of books each, this has changed!

# Iimbalasane zamabali

## Dibana nabaphumeleleyo!

Xa sasiphelelela iintlelo zikaNal'ibali ngoJuni kulo nyaka, saya saqala ukhuphiswano anokuthi umntu aphumelele kulo ithala leencwadi elincinci leklabhu yokufunda yakhe okanye lesikolo sakhe. Bonke abantu abaphumelele olu khuphiswano ngabantu abazinikele ekwenzeni ukuba abantwana beengingqi zabo bakuthande ukufunda, kodwa zibe iiklabhu zokufunda zabo okanye izikolo zabo zitsala nzima ngenxa yokunqongophala kweencwadi. Kuye kwatshintsha oku emva kokuphumelela kwabo iibhokisi ezilishumi zeencwadi!

Fundisa Mbulawa is a volunteer at the Nalithemba Reading Club in the Tshatshu location near Zwelitsha. She is positive about the effects that reading can have and the response to reading clubs in her area.


UFundisa Mbulawa livolontiya kwaNalithemba Reading Club kwilokishi yakwaTshatshu ngaseZwelitsha. Ukubona ukufunda kunefuthe elihle ebantwaneni kwaye iyamonwabisa nendlela abantu abazithakazelela ngayo iiklabhu zokufunda kummandla wakhe.



Fundisa Mbulawa – East London winner

Gail Hawes is a member of the Zama Reading Club in Port Elizabeth. She explains: "On the first day we had all the books ready, it was like Christmas! I wish I could have photographed the children's faces when they realised that for the first time there were enough books for each child to read their own".

UGail Hawes lilungu leZama Reading Club eBhayi. Ucacisa athi: "Ngemini yokuqala esasinazo zonke iincwadi ezazilungele ukuba sizifunde, yayingathi yiKrismes! Akwaba ndandithathe imifanekiso yovuyo eyayibonakala ibhalwe ebusweni babantwana emva kokuba beqondile okokuqala ebomini babo ukuba kukho iincwadi ezaneleyo zokuba umntwana ngamnye azifundele incwadi yakhe".



Gail Hawes – Port Elizabeth winner



Nokukhanya Ndlovu – KwaZulu-Natal winner

Nokukhanya Ndlovu is a teacher at Sandasonke Primary School. Having won the Nal'ibali mini-library competition, Nokukhanya is thrilled to be able to share a 'library experience' with the children at her school.

UNokukhanya Ndlovu ngutiitshala waseSandasonke Primary School. Emva kokuphumelela

kukhuphiswano lweNal'ibali, uNokukhanya uchulumancile ngokukwazi ukwabelana 'ngamava akhe ethala leencwadi' kunye nabantwana besikolo sakhe.



Bongisa Nkuzo – Western Cape winner

Bongisa Nkuzo, a Samora Machel resident, has been running a reading club from the Weltevreden Library. She feels positive about the effects that the club can have in her community.

UBongisa Nkuzo, ohlala eSamora Machel, ubekade eqhuba iklabhu yokufunda kwiithala leeNcwadi laseWeltevreden. Ulibona lilihle ifuthe enokuba nalo le klabhu kubantu ekuhlaleni.

### In their words...

"Reading has done so many great things for me. As a parent, you should read because then it's easy for children to see that reading is good."

Fundisa Mbulawa

"If you don't read, it's like you're not breathing. Reading frees your mind and makes you realise anything is achievable."

Nokukhanya Ndlovu

### Ngawabo amazwi...

"Ukufunda iincwadi kundenzele izinto ezininzi nezinkulu. Njengomzali kufuneka ufunde, ngaloo ndlela abantwana nabo baya kubona ukuba kulungile ukufunda."

Fundisa Mbulawa

"Xa ungafundi, uyafana nomntu ongaphefumliyo. Ukufunda kuvula ingqondo yakho kukubonise ukuba ungaphumelela nantoni na ebomini."

Nokukhanya Ndlovu



Prasheel Hargovan – Gauteng winner

The winner in Gauteng was Prasheel Hargovan of Franklin D Roosevelt Primary. Prasheel loves getting his Nal'ibali supplement each week.

Owaphumelelayo eRhawutini nguPrasheel Hargovan waseFranklin D Roosevelt Primary. UPrasheel uyakuthanda ukufumana uNal'ibali wakhe veki nganye.

CAMBRIDGE

OXFORD

PEARSON

### Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
  2. Fold it in half along the black dotted line.
  3. Fold it in half again.
  4. Cut along the red dotted lines.
1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kolu hlelo.
  2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
  3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
  4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.





# Get story active!

After you and your children have read *Crocodile's sore tooth*, you might like to try out some of these ideas.

## If you have 10 minutes...

- Talk about the bird in the story. Do your children think he was brave or a little foolish? Can they think of reasons for their opinions?
- Ask your children to think about what might have happened before the story started: how did the meat get stuck in Crocodile's tooth and where did he get the meat from?

## If you have 30 minutes...

- Read the story again but this time stop to talk about each of the pictures with your children. Ask them questions that draw their attention to the details in them. For example, let them look at the expression on the crocodile's face in each picture and try to describe how they think he feels.
- Together learn the tickling rhyme on page 11 of the story. Then use it to play a tickling game: the person being tickled sees how many times he/she can say the rhyme without laughing!
- Invite your children to continue the story: what do they think Crocodile might do now that his tooth is not sore and he feels hungry?

## If you have one hour...

- Encourage your children to draw pictures of each animal in the story and then to cut them out. Now use their pictures to retell and write the story together.
- Write riddles about each of the animals in the story. Let your children complete the riddle frame below or write their own riddles. Then share your riddles with each other and see if you can guess the animal being described each time.

I am \_\_\_\_\_  
 I \_\_\_\_\_ and \_\_\_\_\_  
 I like to \_\_\_\_\_  
 What am I?

# Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde *Izinyo elibuhlungu leNgwenya*, mhlawumbi ningathanda ukuba khe nizame ezi ngcebiso zingezantsi.

## Ukuba unemizuzu eli-10...

- Thethani ngentaka esebalini. Ingaba abantwana bakho bacinga ukuba le ntaka yayilikroti okanye yayisisidenge? Bangakwazi ukukuchazela izizathu zezimvo zabo?
- Yithi kubantwana bakho mabacinge ukuba inokuba bekwenzeke ntoni phambi kokuba ibali liqale: inyama ixinge njani ezinyweni leNgwenya, yaye inokuba ibiyifumana phi le nyama?

## Ukuba unemizuzu engama-30...

- Phinda ulifunde ibali kwakhona kodwa kweli tyeli hamba unqumama, uthetha ngomfanekiso ngamnye nabantwana bakho. Babuze imibuzo ebatsalela kwiinkcukacha ezikule mifanekiso. Umzekelo, khawuthi makhe bajonge inkangeleko yobuso bale ngwenya kumfanekiso ngamnye ze bazame ukuchaza ukuba bacinga ukuba zinjani na iimvakalelo zayo kwityeli ngalinye.
- Nikunye fundani isicengelezo sonyumbazo esinemvano-sandi kwiphepha 11 leballi. Emva koko sisebenziseleni ukudlala umdlalo wokunyumbazana: umntu onyunjwayo makabone ukuba angasitsho kangaphi esi sicengelezo sinemvano-sandi engahlekanga!
- Yithi kubantwana bakho mabaqhubeka neli bali: babuze ukuba bacinga ukuba le Ngwenya iza kwenza ntoni ngoku liyekileyo ukuqaqamba izinyo ibe ilambile?

## Ukuba uneyure enye...

- Khuthaza abantwana bakho ukuba bazobe imifanekiso yesilwanyana ngasinye esisebalini ze emva koko bazisike. Sebenzisani le mifanekiso ukuphinda nibalise ibali ze nilibhale kunye.
- Yenza iirayi-rayi ngesilwanyana ngasinye esisebalini. Yithi kubantwana mabaziqqibezele ezi rayi-rayi zingezantsi okanye bazibhalele ezabo. Emva koko yabelanani ngeerayi-rayi zenu ukuze nibone ukuba niyakhwazi na ukuqashisela izilwanyana ekubhekiswe kuzo.

Ndingu \_\_\_\_\_  
 Ndi \_\_\_\_\_ yaye \_\_\_\_\_  
 Ndithanda uku \_\_\_\_\_  
 Ndingubani?

Can you find these words from *Crocodile's sore tooth*?


- beak
- bird
- crocodile
- elephant
- feet
- giraffe
- meat
- monkey
- mouth
- tongue



Ingaba ungawafumana la magama kweli bali lithi, *Izinyo elibuhlungu leNgwenya*?

- intaka
- ingwenya
- indlovu
- iinyawo
- inyama
- inkawu
- umlomo
- ulwimi
- izinyo

STOP! If you aren't going to use this supplement, please give it to someone who will! Deliver it to a school, community centre, library or someone you know.



YIMA! Ukuba awusayi kulusebenzisa olu shicilelo, nceda ulunike omnye umntu oya kulusebenzisa! Lise esikolweni, kwiziko loluntu, elayibhrari okanye kumntu omaziyo.

z	m	o	n	k	e	y	a	c	e
f	e	g	i	a	j	l	n	q	u
b	a	d	f	e	h	k	o	n	p
r	t	s	u	b	i	r	d	v	f
m	o	u	t	h	w	c	g	r	e
a	n	o	g	i	r	a	f	f	e
y	g	e	l	e	p	h	a	n	t
p	u	b	i	h	x	q	t	d	z
e	e	l	i	d	o	c	o	r	c

i	n	k	a	w	u	y	a	c	i
n	e	g	i	a	j	l	n	q	i
y	a	d	u	l	w	i	m	i	n
a	t	s	i	n	t	a	k	a	y
m	l	u	m	l	o	m	o	r	a
a	n	o	g	i	r	a	f	f	w
y	g	i	n	d	l	o	v	u	o
i	z	i	n	y	o	i	t	d	z
e	e	i	n	g	w	e	n	y	a

## Story corner

Here is a story about determination and achieving your goals for you to read aloud or tell.

### Running for life (Part 1) by Gisella Winkler

It was a warm morning. The sun shone and people everywhere were smiling. But for Thembi, it felt like one of the worst days of her life.

"The doctor doesn't think I should run the marathon," she told her brother, as they walked out of the surgery. She felt angry and hurt.

"He is worried about your health, Thembi," Thabo said gently. "The Comrades is 89km long. It is a very tough race."

"Others have done it," Thembi replied.

"But they are not HIV positive," said Thabo.

"I started running, because I am HIV positive," Thembi reminded him. "You are the one who got me into it. You said HIV is not a death sentence. You told me to stop feeling sorry for myself and said I should do some exercise to keep my body healthy."

Thembi was right. When she found out that she was HIV positive, her brother had encouraged her to take better care of her body. Together they had started to run and then they had entered their first race together.

"Let's do it again, Thabo!" Thembi said. "Let's train together. I really, really want to run the Comrades Marathon."

The following weekend, Thabo and Thembi met with friends from their running club who were preparing for the Comrades Marathon.

"We must start running longer distances," said Patrick. He had run the Comrades before and was the leader of their team. "Our bodies must learn to keep going, even if we are tired."

His wife, Lina agreed with him.

"We have to build up endurance. It is time on the legs that counts."

Running 30 km was hard for Thembi. It was longer than her usual run. She got very tired, but she did not give up. When the others saw that she was struggling, they encouraged her.

"Keep going," Patrick told her. "Think of taking one step at a time."

"Breathe deeply," advised Linda.

"I know you can do it!" said Thabo as he ran beside her.

After two months of regular training, Thembi was more confident. She could feel her body getting stronger. She was ready to try to run a longer distance.

**Find out next week whether Thembi will be ready for the race of her life.**

Adapted from *Running for life*. Published by Cambridge University Press. © 2009



Illustration by Phillipa Allen  
Imifanekiso nguPhillipa Allen



## Indawo yamabali

Nali ibali onokulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise elimalunga nokuzimisela kunye nokuphumeza iinjongo zakho.

### Ukubaleka ukuze uhlale usempilweni (Inxalenye 1) Libhalwe nguGisella Winkler

Kwakuyintsasa eshushu. Ilanga laligqats'ubhobhoyi yaye wonke umntu wayechulumancile. Kodwa uThembi wayengonwabanga konke konke.

"Ugqirha ucinga ukuba mandingayingeneli imarathoni," watsho kumnakwabo xa babephuma kwigumbi likagqirha lokuxilongela. Wayenomsindo yaye ekhathazekile.

"Uxhalatyiswe yimpilo yakho, Thembi," watsho uThabo emcenga. "Imarathoni iza kuba ziikhilomitha ezingama-89. Lugqatso olunzima kakhulu."

"Abanye baqhele ukuyingenela nje," waphendula watsho uThembi.

"Kodwa abo babengenantsholongwane yeHIV," watsho uThabo.

"Ndaqala ukubaleka kuba ndinentsholongwane yeHIV," wamkhumbuza uThembi. "Nguwe owandingenisa ekubalekeni. Wathi iHIV ayisisigwebo santambo. Wathi mandiyeke ukuzisizela, wathi mandiwulolonge umzimba wam ukuze ndiwugcine uphilile."

UThembi wayenyansile. Emva kokuba efumanise ukuba unentsholongwane yeHIV, umnakwabo wamkhuthaza ukuba makakhathalele umzimba wakhe. Baqala ukubaleka kunye baze bangena nogqatso lokuqala bebobabini.

"Masiphinde Thabo!" watsho uThembi. "Masiziqeqeshe kunye. Ndifuna ngentliziyo yam yonke ukuyingenela le Marathoni yeComrades."

Kwimpelaveki elandelayo, uThabo noThembi badibana nabahlobo babo abakwiklabhu yokubaleka yabo ababelungiselela iMarathoni yeComrades.

"Kufuneka siqalise ukubaleka imigama emide," watsho uPatrick. Wayekhe walungena ugqatso lweComrades ngaphambili yaye wayeyinkokeli yeqela labo. "Imizimba yethu kufuneka iqhele ukunyamezela, nokuba sidiniwe."

Inkosikazi yakhe, uLinda yavumelana naye.

"Kufuna sifunde ukuzingisa. Lixesha okwazi ukulibaleka ngemilenze yakho elibalayo."

Kwakunzima ukubaleka i-30km kuThembi. Lo mgama wawumde kunalo wayeqhele ukuwubaleka. Wadinwa kakhulu kodwa akanikezela. Bathi abanye xa bembona ukuba uyoyisakala, bamkhuthaza.

"Qhubeka, qhubeka" watsho uPatrick kuye. "Cinga ngokuthatha inyathelo libe linye ngexesha."

"Tsala umphefumlo kakhulu," wacebisa watsho uLinda.

"Ndiyazi ukuba ungalugqiba olu gqatso!" watsho uThabo enkunkca apha ecaleni kwakhe.

Emva kokuzilolonga qho iinyanga ezimbini, uThembi waye wazithemba. Wawuva umzimba wakhe usiya usomelela. Wayekulungele ukubaleka umgama omde.

**Fumanisa ukuba uThembi uza kululungela kusini na ugqatso lokubaleka ukuze ahlale esempilweni kwiveki ezayo.**

### In your next Nal'ibali supplement:

- Using books to help children deal with difficult issues
- Fun-filled activity ideas for the school holidays
- Mini-book, *Nosipho comes to stay*
- The final part of the read-aloud story, *Running for life*

Can't wait until next week for more reading and story tips, tools and inspirational ideas? Visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or find us on Facebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

Which is your favourite part of the supplement? Tell us on Twitter using the hashtag #nalibaliSA  
Sesiphi esona sigaba osithandileyo kolu hlelo? Sixelele kuTwitter ngokusebenzisa u-hashtag #nalibaliSA

### Kuhlelo olulandelayo lweNal'ibali:

- Ukusebenzisa iincwadi ukunceda abantwana ukuba bajongane nemiba enzima
- Iingcinga zemisebenzi ezele ulonwabo eya kusetyenziswa ngeeholide zesikolo
- Incwadana encinane, *UNosipho uze kuhlala noGogo*
- Inxalenye yokugqibela yebali elifundwa ngokuvakalayo, *Ukubaleka ukuze uhlale usempilweni*

Ingathi ayisafiki iveki elandelayo ndifumane ezinye iingcebiso, izixhobo neembono ezikhuthazayo ngokufunda nezamabali? Ndwendwela kule webhusayithi-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org). Sifumane nakuFacebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)






*Crocodile's sore tooth* is one of 36 stories available in the Little Library Kits for Numeracy, Literacy and Life Skills. Each kit contains 60 readers (5 copies of 12 stories), 12 big books, 12 posters and a comprehensive teacher's guide. All the readers and the big books are available in all 11 official languages. For more information please visit our website [www.cup.co.za](http://www.cup.co.za).

Cambridge University Press  
P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002  
Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418  
Email [info@cup.co.za](mailto:info@cup.co.za)



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment initiative to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



INal'ibali liphulo lesizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)





CAMBRIDGE

# Crocodile's sore tooth


## Izinyo elibuhlungu leNgwenya

Fundisile Gwazube  
Lulu Khumalo  
Linda Pantsi  
Nompulelo Yako  
Graeme Viljoen





"Ow! Ow! Ow!" sobbed Crocodile.  
All the animals heard him cry and came to see  
what was wrong.



"Awu! Awu! Awu!" wakhala watsho uNgwenya.  
Zonke izilwanyana zazimvile ekhala, zaza zeza  
kujonga ukuba yayiyintoni na ingxaki.

"My tooth is sore!" cried Crocodile. "I can't eat anything."


"Put gum leaves on it," said Giraffe.

"I've already tried that," moaned Crocodile, "and it didn't work."

"Izinyo lam libuhlungu!" wakhala watsho uNgwenya. "Akukho nto ndikwaziyo ukuyitya."

"Lifake amagqabi egamtriya," watsho uNdlulamthi.

"Sendiyizamile loo nto," wambombozela watsho uNgwenya, "yaye khangisebenze."





"Put some mud on it," said Elephant.

"I've already tried that," groaned Crocodile, "and it didn't work."

"Lifake udaka," watsho uNdlovu.

"Sendiyizamile loo nto," wagcuma watsho uNgwenya, "kwaye khangisebenze."






"Pull it out! Pull it out!" shouted Monkey, jumping up and down.

"No, no, no!" cried Crocodile.

"Likhuphe! Likhuphe!" wakhwaza watsho uNkawu, exhuma-xhuma.

"Hayi, hayi, hayi!" wakhala watsho uNgwenya.



"I'll help you," said a little voice.

The animals looked around to see who had spoken. It was Bird.

"Ndiza kukunceda," latsho ilizwi elincinane. Zalaqaza izilwanyana zikhangelela ukuba ngubani na lo uthethayo. YayinguNtaka.



"Ndiza kukunceda, kodwa kufuneka uthembise ukuba awusayi kunditya," watsho uNtaka.  
"Ndiyathembisa," walila watsho uNgwenya.  
"Vula kakhulu umlomo wakho," wayalela watsho uNtaka.  
UNgwenya wavula umlomo wakhe kakhulu kangangoko wayenako.  
UNtaka wataka wangena emlonyeni kaNgwenya, waza wakhanga-khangela ngomlomo wakhe otsolo.

"If I help you, you must promise not to eat me up," said Bird.  
"I promise," sobbed Crocodile.  
"Open your mouth wide," ordered Bird.  
Crocodile opened his mouth as wide as he could. Bird hopped into Crocodile's mouth and poked around inside it with his beak.



"I see the problem," said Bird. "You have a piece of meat stuck between your teeth."

"Of course," said Crocodile with his mouth wide open, "I eat a lot of meat."

Bird used his beak to grab the meat. He pulled and pulled but the meat was stuck.



"Ndiyayibona ingxaki," watsho uNtaka. "Unenyama encinci exinge phakathi kwamazinyo akho."

"Unyanisile," watsho uNgwenya umlomo wakhe usavulekile, "nditya inyama eninzi."

UNtaka wasebenzisa umlomo wakhe otsolo ukuyitsala inyama leyo. Watsala, watsala, kodwa yabe ixingile inyama.


As he pulled, his feet tickled Crocodile's tongue. Crocodile began to laugh.

"Ha! Ha! Ha!

Hee! Hee! Hee!

Stop! Stop! Stop!

You're tickling me!"




Njengokuba etsala nje uNtaka, amanqina akhe ayenyumbaza ulwimi lukaNgwenya. UNgwenya waqala ukuhleka.

"Ha! Ha! Ha!

Hee! Hee! Hee!

Yima! Yima! Yima!

Uyandinyumbaza!"



As Crocodile laughed, his head shook from side to side. Bird held on tightly. "Don't swallow me Crocodile. Remember your promise!" he called.

Njengokuba uNgwenya ehleka, intloko yakhe wayeyidlikidla, eyisa macala onke. UNtaka wabambelela ngamandla. "Ungandiginyi, Ngwenya. Khumbula isithembiso sakho!" wakhwaza watsho.


Then, suddenly out popped the meat and out popped Bird.

Kwaza, ngesiquphe kwataka inyama, waza wataka noNtaka.



"It's out! It's out!" sang Bird.  
"Hooray!" shouted the animals.

"Iphumile! Iphumile!" wacula watsho uNtaka.  
"Hure-e-e!" zakhwaza zatsho izilwanyana.



Everyone cheered as little Bird flew around  
Crocodile's head.

"All that laughing has made me hungry," said  
Crocodile as he looked around at his friends ...

Wonke umntu waqhwaba izandla ngelixa intakana  
yayibhabha ijikeleza intloko kaNgwenya.  
"Konke oku kuhleka kundenze ndalamba,"  
watsho uNgwenya.  
Waza wajonga-jonga kubahlobo bakhe ...

